ISICWANGCISO SOKWENZA URHULUMENTE WASEMAKHAYA AKUSEBENZELE NGCONO

Votela i-ANC

Ubomi obungcono kumntu wonke

ANC

ISIXHOSA

ISICWANGCISO SOKWENZA URHULUMENTE WASEMAKHAYA AKUSEBENZELE NGCONO

Kwiminyaka emihlanu ukususela oko abantu boMzantsi Afrika bathi bavotela okokuqala amabhunga ezekhaya asekelwe kwi – democracy yokwenene nangakhethe bala lamntu, sithe sasebenzisana ngobambiswano ukuphucula ubomi boluntu kwilizwe liphela.

Kokokuqala ukuba iindlela zifakwe itela yaye nezitalato zilayitwe; amanzi nombane zizinto ekufikelelwa lula kakhulu kuzo ngoku kunangaphambili; kwakhiwe izindlu ezithe chatha; ziphuculwe inkonzo ezifana nokuthuthwa kwenkunkuma; uninzi lwabantu ngoku lufumana iinkonzo ezisisiseko zasimahla; kwakhiwe amaziko amatsha ezemidlalo nokuzonwabisa; ii-ofisi zorhulumente wamakhaya ngoku zisebenza ngendlela ephucuke kakhulu ukufikelela kwimfuno zabantu.

Kodwa ke, kusekuninzi ekufuneka kwenziwe. Ngokwakha phezu kweziseko zenkqubela phambili esele sizenzile nasekufundeni kumava ethu, i-ANC isungule isicwangciso esiza kwenza ukuba urhulumente wamakhaya akusebenzele ngcono.

Ngesi isicwangciso siza kwenza oku:

- **Siza kukhawulezisa ukuziswa kwenkonzo ezisisiseko** ukuqinisekisa ukuba bonke aboMzantsi Afrika bayafikelela kumanzi acocekileyo kwakunye nothutho lindle olusemgangathweni nolunesidima ngonyaka ka 2010, yonke imizi inombane ngonyaka ka 2012, yaye ziyafumaneka jikelele inkonzo zasimahla,
- **Siza kuphucula ukwakhiwa kwezindlu**, siqinisekisa ngezindlu ezikumgangatho ongcono ezikufuphi nendawo ezinamathuba ezoqoqosho,
- **Siphucule inkonzo zoluntu** ezibhedlele nasezikliniki, ezikolweni, kwizikhululo zamapolisa kunye namaziko karhulumente.
- **Siza kuvula amathuba emisebenzi** ngokuvelisa udederhu lweeprojekthi ezinkulu kuwo onke amaphondo,
- **Sizakwakha iziseko ngenkqubo yemisebenzi yoluntu** ukuqinisekisa ngophuhliso lwezakhono namathuba emisebenzi athe chatha,
- **Ukulwa nendlala** ngokufaka inkqubo ezizodwa kwimimandla yasezilalini nasezidolophini apho kuhlala abantu abahlupheka kakhulu,
- **Sakunika inkxaso nophuhliso kosomashihini abasakhulayo** ngokuncedisa ngobugcisa, imali-mboleko nezinye iimfuno.

Ukuqinisekisa ukuba esi sicwangciso siyasebenza, urhulumente we- ANC udibanise **amaqela ompondozihlanjiwe azakusebenza nabo masipalathi abafuna ukuncediswa ngokumandla**.

Uphengululo zincwadi luyaqhutywa ngezakhono ezifunwa ngu-masipalathi ngamnye ukuze i-ANC iqinisekise ukuba **kwenziwa uchatha ngokwezezimali kongezwe nabasebenzi abaqeqeshiweyo** kurhulumente mamakhaya.

Sakuphucula indlela ooCeba abasebenza namabahloniphe ngayo uxanduva lwabo **ngokuqulunqa imo yokuziphatha (code of conduct)** abakuthi bonke ooCeba be ANC bazibophelele kuyo ngokufunga.

Umsebenzi wabo uyakusoloko ubekwe esweni uphengululwa rhoqo, ukuqinisekisa ukuba abasileli kuwo.

Sisonke, sibambene, sisebenzisana ngamnye kuthi anganobomi obungcono kweli lizwe lokhokho bethu.

Ngoko xhasa esi sicwangciso esizakwenza urhulumente wamakhaya asebenze ngcono.

Ngomhla wokuqala kuMatshi 2006 (1 March 2006) qinisekisa ukuba uvotela i ANC kunyulo lorhulumente wamakhaya.

Votela i-ANC

1 MARCH 2006

ANC

Published by the African National Congress • 54 Sauer Street, Johannesburg 2001. Tel: 086 717 7077
Printed by Shereno Printers. 10 Atlas Road, Dunswart, Boksburg. Tel: (011) 894 4150